

**I-Ofisi enguNdulkulu**

Umnxeba: +27 12 346 3985 | Fax: +27 12 346

3986

I-imeile: info@cbe.org.za | iWebhu.

www.cbe.org.za

**IDilesi yePosi**

P.O. Box 915. Groenkloof. 0027

**IDilesi yeSitalato**

169 Corobay Avenue

Corobay Corner Block A

2<sup>nd</sup> floor

Waterkloof Glen

PRETORIA

0010

## IBHUNGA LEMO ENGQONGE UKWAKHA

### UMGAQO-NKQUBO WEELWIMI

IBhunga leMo eNgqonge uKwakha (Council for the Built Environment)(CBE)ngale ndlela liwisa uMgaqo-nkqubo walo weeLwimi ezisemthethweni.

#### 1. INTSHAYELELO

UMgaqo-nkqubo weRiphabliki yoMzantsi Afrika ( Republic of South Africa) (RSA), 1996 uqonda iilwimi ezili-11 ezisemthethweni; uqonda ukusetyenziswa okuphelayo ngokwembali kunye nesimo seelwimi zemveli kwaye ufunu ukuba uRhulumente athathe amanyathelo anokuthathwa kunye naluncedo okuphakamisa kunye nokusa phambili ukusetyenziswa kwezi lwimi. UMgaqo-siseko ufunu ngokungaphaya ukuba zonke iilwimi ezisemthethweni zonwabele ukulingana kwaye ziphathe ngokulinganayo.

Ukuza kuthi ga ngoku, umThetho wokuSetyenziswa kweelwimi ezisemThethweni we-12, 2012 uwisiwe, phakathi kwezinye izinto, ukuba ubonelele ulawulo nokuhlolwa kokusetyenziswa kweelwimi ezisemthethweni ngurhulumente wesizwe ngeenjongo zikarhulumente, zokufuna kunye nokwamkela umgaqo-nkqubo weelwimi lisebe lesizwe, iziko likarhulumente lesizwe kunye namashishini karhulumente esizwe kunye nokusekwa kweyunithi yeelwimi yesebe lesizwe, amaziko karhulumente esizwe kunye namashishini karhulumente esizwe.

IBhunga leMo eNgqonge uKwakha (Council for the Built Environment)(CBE) njengoko lisekiwe ngokwecandelo lesi-2 lomThetho weMo eNgqonge uKwakha, wama-43 ka-2000 uye, ke ngoko, ngokuthobela umThetho wokuSetyenziswa kweelwimi ezisemThethweni, laphuhlisa owalo uMgaqo-nkqubo weeLwimi.



## **2. INJONGO**

Injongo yalo Mgaqo-nkqubo weeLwimi kukuchaza ukuba i-CBE iza kuwathobela kwaye iwaphumeze njani na amagatya omThetho wokuSetyenziswa kweLwimi ezisemThethweni, 2012, kunye nokusetyenziswa kweelwimi ezisemthethweni ezikhethiweyo ukuvakalisa igunya kunye neenkonzo zalo kwabo isebezisana nabo kunye nabemi boMzantsi Afrika.

## **3. ISIKOWUPU NOKUSETYENZISWA**

Amagatya alo mgaqo-nkqubo asebenza kubo bonke abasebenzi be-CBE, abo isebezisana nabo kunye namalungu oluntu asebenza ne-CBE.

## **4. UHLOBO LWE-CBE KUNYE NENKQUBO YOKUMISELA ULWIMI OLUSEMTETHWENI**

Ibhunga leMo eNgqonge uKwakha (Council for the Built Environment) (CBE) liqumrhu elisemthethweni elisekwe phantsi komThetho weBhunga leMo eNgqonge uKwakha wama- 43 ka-2000). Liqumrhu elongameleyo elilungelelanisa amaBhunga obuGcisa emo yokwakha amathandathu (Inzululwazi ngokwakha, ubuNjineli, iNzululwazi yoKwakha iMbonakalo mhlaba, uLawulo loKwakha neProjekthi, uHlolo lwePropati kunye noCando) ngenjongo yokufaka ukuziphatah kakuhle kumsebenzi lo, ukutshitsha umsebenzi kunye nokucebisa uRhulumente woMzantsi Afrika kwimiba enxulumene nemo engqonge ukwakha.

Okwangoku i-CBE izinze ePitoli, kwaye ayikabikho kwamanye amaphondo. Amajelo awohlukeneoyo onxibelewano ayasetyenziswa ukufundisa abo ukusetyenziswana nabo malunga neenkonzo ezinkwa yi-CBE.

## **5. UMGAQO-NKQUBO WE-CBE WEELWIMI EZISEMTETHWENI**

I-CBE izibophelele ekwenzeni ukuba kusetyenziswe zonke zolishumi elinanye iilwimi ezisemthethweni njengoko kumiselwe kumThetho wokuSetyenziswa kweeLwimi ezisemThethweni, UMTHETHO WE-12 ka-2012 apho kwenzekayo, naxa kucela amalungu oluntu.

### **5.1 iilwimi ezisemthethweni**

I-CBR yamkele iilwimi ezisemthethweni ezilishumi elinanye zeRiphabliko yoMzantsi Afrika njengeelwimi zayo ezisemthethweni ngeenjongo zalo mgaqo-nkqubo.

#### **I-CBE iya kuphumeza kwakhona la manyathelo alandelayo okusetyenziswa kolwimi:**

- a) Ulwimi lokusebenza ngaphakathi kunye nangaphandle kwi-CBE iya kuba sisiNgesi.
- b) Ezi Iwimi zilandelayo ziya kuthathelwa inhqalelo kwimisebenzi nabo kusetyenziswana nabo kunye nakuluntu ngeenjongo zikaRhulumente:
  - i. IsiNdebele, isiXhosa, isiZulu nesiSwati (iqela lesiNguni);
  - ii. Sepedi, Sesotho, Setswana (iqela leseSotho);
  - iii. Tshivenda;
  - iv. Xitsonga;



v. IsiNgesi; kunye

vi. NesiBhulu.

## **5.2 Imiba eza kuthathelwa ingqalelo xa ksuetenziswa ulwimi olusemthethweni olubandakanyekayo**

- a) Ukusetyenziswa kolwimi okukhethwayo kwabo kusetyenziswana nabo;
- b) Ukusebenza ngexa lokusebenza nabo kusetyenziswana nabo; kunye
- c) Nolwimi olungundoqo oluthethwayo ngexa lokusebenza nabo kusetyenziswana nabo.

## **5.3 Ezinye iilwimi**

I-CBE ikhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi. Abantu ekusetyenziswana nabo, abafuna ulwazi olubaliwego okanye olupapashiwego ngolwimi oluthile olusemthethweni, apho unxibelewano okanye ulwazi olunjalo lunganikwayo ngolo lwimi, banokucela ukuba unxibelewano okanye ulwazi olunjalo lunikwe ngolo lwimi lunjalo lusemthethweni. Isicelo esinjalo kufuneka sibhalwe phantsi ngolwimi olucelwayo kwaye sifunyanwe yi-CBE ubuncinane kwiintsuku ezingama-60 (amashumi amathandathu) phambi kokuba unxibelewano okanye ulwazi olunjalo lufunwe.

## **6. UFIKELELO**

Ngokungqinelana nomThetho weeLwimi ezipsemThethweni, i-CBE iya kwenza ulungiselelo lokunceda ummi ngamnye wase-SA, ngolwimi olusemthethweni alukhethayo. Nakuba isiNgesi ilulwimi olusemthethweni olusetyenziswa yi-CBE kulo lonke unxibelewano lwayo loishishino, izicelo ziya kwamkelwa ukuba kunxityelelwane ngazo ngalo naluphi na kwiilwimi ezipsemthethweni zoMzantsi Afrika.

**6.1** Ulwimi olusetyenziswa kulo lonke unxibelewano olubaliwego olusemthethweni Iwe-CBE oko kusenziwa ngamaxwebhu asemthethweni, iingxelo, imigaqo-nkqubo kunye nokubhalwa kumaxwebhu iya kuba sisiNgesi. Izicelo zolwazi ngalo naluphi na ulwimi olusemthethweni kuya kusetyenzwa ngazo, ngowenkqubo echazwe ku-5.3 kulo mgaqo-nkqubo.

**6.2** Unxibelewano lomlomo nabantu ekusetyenziswana nabo kunye noluntu jikelele, i-CBE iya kwenza umzamo ngamnye wokwamkela ulwimi olukhethwayo lomntu othabatha inxaxheba kwingxoxo.

**6.3** Iwebhusayithi okwangoku ifumaneka ngesiNgesi. Ulungiselelo luya kwenziwa ukusebenza ngezicelo zolwazi ngalo naluphi na ulwimi olusemthethweni oluceliwego ngokwenkqubo echazwe ku-5.3 kulo mgaqo-nkqubo.

**6.4 Abantu abaneemfuno ezakelekileyo baya kuncedwa ngale ndlela ilandelayo:**



- a) Naliphi na ilungu loluntu elicela ulwazi ngombhalo wamaqhuqhuva kuza kufuneka ukuba lazise i-CBE ngokubhalwe phantsi okanye ngomnxeba kwaye ulwazi olunjalo luya kwenziwa lufumanke. Isicelo esinjalo kufuneka senziwe kwaye sifunyanwe yi-CBE ubuncinane kwiintsuku ezingama-60 (amashumi amathandathu) phambi kokuba unxibelelwano okanye ulwazi lufunwe.
- b) Naliphi na ilungu loluntu elinqwenela ukunxibelelana ne-CBE ngolwimi Iwezandla kufuneka lazise iCandelo lezoNxibelelwano ngokubhalwe phantsi ubuncinane beentsuku ezingama-60 (amashumi amathandathu) phambi kokuba ifunwe inkonzo, ukuze i-ofisi ikwazi ukwenza ulungiselelo ngokufanelekileyo.

## **7. INDLELA YEZIKHALAZO**

Nawuphina umntu ongonelisekanga kukusetyenzisa kweelwimi ezisemthethweni yi-CBE unokufaka isikhala zo esiya kwi-CBE, njengoko kukhonjisiwe ngokwecandelo 4(f) lomThetho wokuSetyenzisa kweelwimi ezisemThethweni, 2012.

### **7.1 Izikhala zo maifakwe ngale ndlela ilandelayo:**

- a) Ngokubhalwe phantsi, kwiinyanga ezintathu zokuvela kwesikhala zo.
- b) Nasiphi na isikhala zo esifakiwego kufuneka sixele iinkcukacha ezilandelayo: igama nefani, idilesi yesitalato kune neyeposi, kune nolwazi loqhagamshelwano lomntu ofaka isikhala zo.
- c) Umfaki sikhala zo kufuneka anike inkcazo ecazululiwego yesikhala zo.
- d) I-CBE iya kusithathela ingqalelo isikhala zo kwaye aphendule ngokubhaliwego, zingedlulanga iinyanga ezintathu ezisemva kokufakwa kwesikhala zo, isazisa umntu ofake isikhala zo ngesiphumogqibo.

## **8. IYUNITHI YEELWIMI**

Akuyi kuba khona iYunithi yeeLwimi enye kwi-CBE; iYunithi yoNxibelelwano ye-CBE iya kusebenza ngamaxanduva eYunithi yeeLwimi.

### **8.1 ICandelo lezoNxibelelwano liya kunikwa la maxanduva alandelayo e-Yunithi yeeLwimi:**

- a) Icebise ugunyaziwe ophetheyo onoxanduva we-CEO ngophuhliso, ukwamkelwa kune nokuphunyezwu komgaqo-nkqubo weelwimi;
- b) Ukujongwa nokuhlolwa ukusetyenzisa kweelwimi ezisemthethweni yi-CBE;
- c) Ijunge kwaye ihole ukuthotyelwa koMgaqo-nkqubo welwim yi-CBE;
- d) Iqulunqe iingxelo eziza kungeniswa kwiyunithi yeelwimi yesizwe ngokwecandelo le-6(2);
- e) Iphakamise zonke iilwimi ezisemthethweni ukuba zonwabele ukuphathwa ngokungakhethiyo nangokulinganayo ngurhulumente wesizwe;
- f) Ukuququzelela ufilelelo olulinganayo kwiinkonzo kune nolwazi Iwe-CBE; kune
- g) Nokukhuthaza ulawulo olulungileyo Iweelwimi kwi-CBE.



## **9. UKUJONGWA KWAKHONA KOMGAQO-NKQUBO**

I-CBE iya kuwuqwalasela kwakhona umgaqo-nkqubo ngonyaka, okanye nanini na xa kukho imfuno.

